

Soek jy 'n fantastiese tutor?

www.teachme2.com/matriek



Confidential



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2024

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-15.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama-45	
ICANDELO B: Imizuzu engama-20	
ICANDELO C: Imizuzu engama-55	
9. Bhala ngokucekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo. ...

ISICATSHULWA A**USENZELA LULA UTIKTOK**

- | | | |
|---|---|----------|
| 1 | <p>UTikTok ulelinye lamaqonga onxibelelwano nelathi lalontshwa ngonyaka wama-2016. Le ephu isebenza njengee-ephuzooFacebook, Twitter, Instagram, LinkedIn nezinye. Ukufika kwayo yayisaziwa ngomculo kuphela kodwa ngoku ihamba phambili ngeevidiyo ezinomtsalane ebantwini. Ngaphandle kolutsha olubonakalisa umdla omkhulu kwiqonga likaTikTok, oosomashishini nabo bafumene indlela elula yokubhengeza amashishini abo besebenzisa uTikTok. UTikTok akaneli kuhlekisa kuphela koko uyabafundisa abalandeli, ekwabanika nethuba lokuhlomla ngeevidiyo abazibukelayo.</p> | 5
10 |
| 2 | <p>Yintoni eyenzele uTikTok igama phakathi kwamanye amaqonga onxibelelwano? Kaloku yena usetyenziswa ngendlela eyahlukileyo. Njengokuba ii-ephuzamanye amaqonga onxibelelwano zihambisa imifanekiso neetekisi ezibhaliweyo kuphela nje, ekaTikTok yona ineevidiyo ezihamba nemifanekiso kunye nesandi esikumgangatho ophezulu. Iziphumo zophando zithi selingaphaya kwebhiliyoni inani labantu abasebenzisa uTikTok qho ngenyanga.</p> | 15 |
| 3 | <p>Okwenza umtsalane nangakumbi kubalandeli bakaTikTok kukuba bayakwazi ukuphawula (ukukhomenta), ukubeka uphawu lokuyithanda ividiyo epowustliweyo nokwabelana ngayo. Ukuphawula kwabalandeli kwividiyo epowustliweyo kunceda ekuphuculeni umxholo. Kukwalindeleke ukuba umntu anyaniseke kumxholo wakhe, alandele izinto abaphawule ngazo abalandeli ukuze aziphucule ngakumbi iividiyo zakhe Oku kulikhulisa ngakumbi inani labaxhasi nabalandeli bakhe kuTikTok. Le ephu inabo nobunye ubuxhakaxhaka obaziwa ngokuba yidyuwethi okanye istitshi. Obu buxhakaxhaka buvumela ukuba umntu adibanise ilizwi lakhe nelomnye umntu ze kuphume isandi esiyinto ehlanganiswe ngobuchule.</p> | 20
25 |
| 4 | <p>Usoomashishini angalibhengeza ishishini lakhe ngexesha elimiselweyo eliyimizuzu emithathu kuTikTok. Okubalulekileyo kukuba akhethe umxholo otsala umdla, ukuze anganeli nje kukugcina inani labalandeli bebhrendi yakhe koko ahlale esondelelene nabaxhasi. Inani labalandeli nabaxhasi beshishini likhula ngokukhula xa usomashishini eyisebenzisa kakuhle i-ephuyakhe kaTikTok. Ezinye zezo ndlela kukuyisebenzisela ukwakha iingxoxo ezakhayo, ukufundisa nokuvuselela iimvakalelo zabalandeli.</p> | 30
35 |

5	Naliphi na ishishini liqala ngokukhula kancinci ngoko ke neliqalwa ku <i>TikTok</i> liqala ngokufumana inani eliphantsi labathandi nabalandeli. Kunjalo, ishishini lika <i>TikTok</i> likhula ngakumbi xa kusabelwana ngevidiyo yakho. Ngeliphandle, iyakholeleka imbono ethi <u>alikhho iqonga lonxibelelwano elikwaziyo ukudibanisa umthengi nomthengisi ngaphezu kokuba lisenza iqonga lika<i>TikTok</i></u> . Yiyo loo nto kukhuthazwa ukuba umntu makaqalise namhlanje ukusebenzisa u <i>TikTok</i> ukubhengeza ishishini lakhe.	40 45
6	Ngenene, i-ephu ka <i>TikTok</i> iseza kuba yinxalenye yobomi bethu, ngoko ke, masiyisebenzisele ukuzinceda. Yongeza i-ephu ka <i>TikTok</i> kumaqonga akho onxibelelwano, akuyi kuzisola!	
[Sithatyathwe kwibhlog ka-Isabelle Halpern, umhla wama-22 Julayi 2021, saguqulelwa saza sahlelwa, salungiselelwa uviwo.]		

JONGA KUMHLATHI 1

- 1.1.1 Xela ukuba uyintoni u*TikTok*. (1)
- 1.1.2 Nika unyaka eyalontshwa ngawo i-ephu ka*TikTok*. (1)
- 1.1.3 Waziwa ngantoni u*TikTok* ngoku? (1)
- 1.1.4 Yinyaniso okanye bubuxoki ukuba u*TikTok* usetyenziswa lulutsha kuphela? Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 2

- 1.1.5 Chaza ukuba yahluka njani i-ephu ka*TikTok* kwii-ephu zamanye amaqonga onxibelelwano. (2)
- 1.1.6 Bhala isivakalisi esikulo mhlathi esithetha ukuba baninzi abantu abasebenzisa u*TikTok*. (2)

JONGA KUMHLATHI 3

- 1.1.7 Nika izinto zibe MBINI ezenza umtsalane kubalandeli baka*TikTok* ngokwalo mhlathi. (2)
- 1.1.8 Kuluncedo njani ku*TikTok* ukuphawula kwabalandeli kwividiyo epowustiweyo? (2)
- 1.1.9 Khethe impendulo echanekileyo ibe NYE kwezi zingezantsi.

Igama, '**aziphucule**', elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi lithetha ...

- A ukuzehlisa umgangatho.
 B ukuzenza zibe ngcono.
 C ukuzenza zibe mfutshane.
 D ukuzibonisa abantu. (1)

1.1.10 Uyintoni umsebenzi wedyuwethi ngokwalo mhlathi? (2)

JONGA KUMHLATHI 4

1.1.11 Xela ukuba lingakanani ixesha likamashishini lokubhengeza ishishini lakhe ku *TikTok*. (1)

1.1.12 Chaza ukuba angenza ntoni usomashishini ukuze ahlale esondelelene nabaxhasi bakhe. (2)

1.1.13 Xela indlela ibe NYE yokusebenzisa kakuhle i-ephu ka *TikTok*. (1)

JONGA KUMHLATHI 5

1.1.14 Ingaba uyavumelana nokuthethwa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 6

1.1.15 Usixelela ntoni lo mhlathi ngo *TikTok*? (2)

- 1.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Uthathwe ku-www.alamy.com]

- 1.2.1 Xela okuqhubeka kulo mfanekiso. (2)
- 1.2.2 Kubonisa ntoni ukubotshelelwa kweselfowuni ngetsheyina engalweni? (2)
- 1.2.3 Ingaba kufanelekile ukuba umntu abe neselfowuni esandleni ngalo lonke ixesha? Xhasa impendulo yakho. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa simalunga nokuzikhusela kwiimigewu ye-intanethi.

Bhala isishwakathelo NGEENDLELA ONOKUZIKHUSELA NGAZO KWIMIGEWU YE-INTANETHI.

IMIYALELO:

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXE.
2. Sebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7.
4. Bhala iingongoma nganye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

ISICATSHULWA C**ZIKHUSELE KWIMIGEWU YE-INTANETHI**

I-intanethi iluncedo kodwa ikwanobungozi kuba iyakwazi ukubabeka esichengeni abasebenzisi bayo. Nazi iindlela zokuzigcina ukhuselekile kwimigewu ye-intanethi:

Qiniseka ukuba ikhompyutha yakho inobuxhakaxhaka bokuhlaziya ukhuseleko lwayo. Obo bubuxhakaxhaka obufana nebhrawuza, i-*software* neenkqubo ezenzelwe ukulwa nokubungozi kuyo.

Sebenzisa iphasiwedi ekunzima ukuba abanye abantu bayazi. Umzekelo, iphasiwedi exube amagama, amanani neesimboli. Loo nto iqinisa ukhuseleko lolwazi olukwikhompyutha.

Musa ukuzivula iilinki kunye nezinto ezizivelelayo kwiskrini ezithunyelwa yimithombo ongayaziyo. Kaloku amasela asebenzisa i-intanethi, athumela ii-imeyile zobuxoki ukufumana iinkcukacha zomntu.

Gcina iinkcukacha zakho ezibalulekileyo ziyimfihlo. Oko ukwenza ngokuba ungazibhengezi kumaqonga onxibelelwano. Ngakumbi idilesi nomhla wokuzalwa kuba amasela e-intanethi angasebenzisa zona ukuqikelela iiphasiwedi zee-akhawunti zakho.

Kuxhaphakile ukuba umntu ahambele kwiindawo zikawonke-wonke, ezinewayifayi ephisayo. Sukuvula okanye uthumele ii-imeyile zakho ezinolwazi oluyimfihlo ngeewayifayi eziphisayo. Oku kungakunceda ukukhusela iinkcukacha zakho nolwazi olubalulekileyo.

Qiniseka ukuba iidilesi zeewebhu othenga kuzo nge-intanethi zinokhuseleko. Ezo dilesi zibonakala ngombhalo ongu-*https* kwanomfanekiso weqhaga lesitshixo. Uninzi lweewebhu zobuqhinga azinazo ezi mpawu zokhuseleko.

Fundisisa ipolisi yewebhusayithi uyiqonde kakuhle phambi kokuba ungene kuyo. Xa ungayiboni ipolisi yesayithi okanye ekhoyo kunzima ukuyiqonda, sukungena kuyo. Landela ezi ndlela zingasentla ukhuseleke kwimigewu ye-intanethi.

[Sithatyathwe ku-www.staysafeonline.org, saguqulelwa saza sahlelwa.]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

IHESA
INSTITUTIONAL HIGHER EDUCATION
OF SOUTH AFRICA

**LUNGISELELA
OWAMA-2025.**
Faka isicelo sakho
NAMHLANJE.

Izifundo:
End User Computing
IT Systems Support
IT Systems Development

Izifundo zeze...
- veki ezine
- nyanga ezintathu
- nyanga ezintandathu
- nyanga ezili-12

Bhalisa nge R1 200.00
Ngenyanga ngama R634

Bhalisa NGOKU

e-Learning support

Achieving Excellence Together

**39 Cornelius Street, Erasmus
BRONKHORSTSPRUIT**

**Inombolo yomnxeba:
012 023 1862/ 013 9320 357**

www.alamy.com


[Sithatyathwe kwi-www.alamy.com, saze sahlelwa]

- 3.1 Xela igama leziko lemfundo elikwesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.2 Khetha igama elisetyenziselwe ukwenza ukuba umthengi akhawuleze. (1)
- 3.3 Nika isizathu sokubekwa komfanekiso womfundi ophethe i-laptop kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)
- 3.4 Nika isilogani sale ntengiso. (1)
- 3.5 Xela ukuba igama, 'sakho' elikwisibhengezo-ntengiso libhekisa kubani. (1)

- 3.6 Nika enye yeenkcukacha zokufikelela kweli ziko libhengezwayo. (1)
- 3.7 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zilandelayo.
- Igama, 'lungiselela '...
- A liyacenga.
 - B liyayalela.
 - C liyancoma.
 - D liyagxeka. (1)
- 3.8 Ingaba amaxabiso eli ziko ayafikeleleka? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

[Ithatyathwe ku-www.goomics.com, yaze yahlelwa.]

- 4.1 Xela umzobi wale khathuni. (1)
- 4.2 Nika isixhobo setekhnoloji esisezandleni zikamama notata. (1)
- 4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Isizathu sokuba uVicky akhwaze abazali bakhe ejonge kuSethu sesokuba ...
- A ubaleka uSethu.
 - B uhoywe nguSethu.
 - C ulingana noSethu.
 - D ukhwazwe nguSethu. (1)
- 4.4 Igama 'aba', elikwintetho kaSethu libhekisa kubani? (1)
- 4.5 Ibonisa ntoni ngoVicky indlela athetha ngayo? (2)

- 4.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Igama, 'ude' kwintetho ethi, 'Ude uyahamba ...' lizisa intsingiselo yokuba uVicky (akakakwazi ukuhamba/sele ekwazi ukuhamba) ngoku. (1)
- 4.7 Wenze msebenzi mni umbuzo-buciko okwintetho kaSethu? (1)
- 4.8 Ingaba uyavumelana noluvo lokuba ziiselfowuni ezenza ukuba abazali bangabi nathuba labantwana babo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F**AMAQONGA ONXIBELELWANO ALUNCEDO**

Amaqonga onxibelelwano anendima enkulu ayidlalayo kubomi **bethu** bemihla ngemihla. Abantu bafumana ulwazi nezakhono, nto leyo ibenzela ubomi obumnandi elizweni jikelele. Kule mihla unxibelelwano lwabantu lukwizinga eliphezulu kakhulu ngenxa yobukho booFacebook, Twitter, Youtube, TikTok njl-njl. Kuninzi ekwabelwana ngako kumaqonga onxibelelwano. Umzekelo, 5
intlalo yabantu kwanemiba yezoshishino. La maqonga onxibelelwano avulela abantu amathuba okufikelela kuwo onke amazwe ehlabathi ngemalana engephi. Kule mihla kulula nokushishina kwabantu abaninzi bekwiindawo ezahlukileyo, kuxoxwe kusabelwana ngamacebo okukhulisa loo mashishini 10
abo. Zikho iingxaki ezithi zivele xa amaqonga onxibelelwano esetyenziswa ngokungafanelekanga. Ezo ngxaki azinakulinganiswa nezakhono azifumanayo umntu ngokusebenzisa la maqonga onxibelelwano.

[Sithatyathwe ku -www.edubirdie.com, saze sahlelwa]

5.1.1 Nika isimaphambili segama, 'Amaqonga' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa li ...

- A sisiphawuli.
- B sisenzi.
- C sisimnini.
- D sisibaluli. (1)

5.1.3 Bhala la magama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi abe kwimo yesinye.

Abantu bafumana ulwazi. (2)

5.1.4 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli usebenzise lona endaweni yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Baninzi (yena/bona/wona) abantu abasebenzisa uFacebook. (1)

- 5.1.5 Nika isinciphiso segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

Umzekelo: Indlu

Impendulo: Indlwana

La maqonga onxibelelwano avulela **abantu** amathuba okufikelela kuwo onke amazwe. (1)

- 5.1.6 Bhala isivakalisi ngasiNYE kwezi zingezantsi sibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli.

(a) Abantu basebenzisa u*Facebook*. (Ixesha elizayo.)

(b) Amaqonga onxibelelwano ancede abantu abaninzi. (Ixesha langoku.) (2)

- 5.1.7 Bhala esi sifinyezo singezantsi ngokupheleleyo.
... njl-njl. (1)

- 5.1.8 Lungisa iimpawu zobhalo ezikwisivakalisi singezantsi.

kule mihla kulula ukushishina kwabantu (2)

- 5.1.9 Xela ukuba isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi sikwesiphi isixando.

Kuxoxwe kusabelwana ngamacebo okukhulisa loo mashishini abo. (1)

- 5.1.10 Khetha isenzi kwesi sivakalisi singezantsi.

Amaqonga asetyenziswa ngokungafanelekanga. (1)

- 5.1.11 Xela ukuba kutheni iceba lishiyiwe kwisibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

Ukusebenzisa la maqonga kuyanceda. (1)

5.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G



[Uthatyathwe ku-www.alamy.com waze wahlelwa]

5.2.1 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo elandulayo.

Umzekelo: Yitya ukutya.

Impendulo: Musa ukutya ukutya/sukutya ukutya.

Cofa umnxeba! (2)

5.2.2 Dibanisa izivakalisi ezilandelayo ngokusebenzisa isihlanganisi esikwizibiyeli.

Imbi into yokucofa umnxeba. Uhleli nosapho lwakho. (xa) (2)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwingxelo-ntetho.

'Bekani phantsi iminxeba.' Utsho utata.

Qala impendulo yakho ngolu hlobo: Utata uthi ... (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80